



education

Department:
Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

IBANGA 12

ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

EXEMPLAR 2008

AMANQAKU: 80

IXESHA: 2 IYURE

OLU VIWO LUNAMAPHEPHA AMA-11.

IMIYALELO EYA KUBAFUNDI

1. Phendula YONKE imibuzo.
2. Qala iCandelo ngalinye ephepheni elitsha uze ukrwele umgca emva kweCandelo ngalinye.
3. Shiya umgca phakathi kweempendulo zakho.
4. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.
5. Nika ingqalelo eyodwa kupelo nendlela owakha ngayo izivakalisi zakho.

ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**UMBUZO 1**

1.1 Funda lo mhlomlo ungezantsi, wandule ke uphendule imibuzo engezantsi

INDLELA YOKUPHUMELELA UDLIWANO-NDLEBE LOMSEBENZI

Kubalulekile ukuceba kakuhle ukuze uphumelele kudliwano-ndlebe lomsebenzi. Into yokuqala kukumisa izinto zakho ngendlela. Ukudyuduza sele ufun'izinto ngomzuzu wokugqibela kuya kukwenza ubile yaye ube nedyudyu. Izinto zakho xa uziceba kwangethuba uya kukwazi ukuzola, ungabi nexhala kwaye uzithembe. Ukwenza uluhlu lwezinto ekufuneka ziphethe xa usiya kudliwano-ndlebe kungaluncedo kakhulu. Zilungiselele kangangoko, kwangosuku olungaphambili ukhethe iimpahla nezihlangu oza kuzinxiba. Kaloku imbonakalo yemini yokuqala yeyona ibalulekileyo. Akulunganga ukuya kudliwano-ndlebe lomsebenzi unxibe impahla yokuphola kakhulu. Eveza umzimba musa ukuyicinga nokuyicinga yona. Nxiba kakuhle yaye uqinisekise ukuba uyabukeka. Kubalulekile ukufika ngexesha kwi-intavyu ukwenzela ukuba ukwazi ukubeka ubilo.

Into yokuqala ekufuneka uyikhumbule kukuba yinto eqhelekileyo ukuba nexhala kudliwano-ndlebe lomsebenzi, kodwa xa uzilungiselele kakuhle ufanele uzive uzithembile. Ngaphezulu nomntu odlan'indlebe naye uyazi ukuba ufanele ukuba nexhala, ingakumbi xa uqala, ngoko xa ingumntu onamava uya kuzama ukukwenza ukhululeke. Uphinde ukhumbule ukuba ukhethwe phakathi kwabantw'abaninzi abenze izicelo kuloo msebenzi, ngoko kufuneka uhlale umilisel'ingqondo yaye uzithembile. Ungaze ufike emva kwexesha. Umntu odlan'indlebe naye ngomsebenzi ucinga ukuba xa ushiywa lixesha elibaluleke kangaka uya kufika xeshani emsebenzini? Xa kwenzekile washiywa lixesha, fowuna uchaze ingxaki yakho nokuba uza kufika emva kwemizuzu embalwa. Fika umxhawule ube umjonge ngqo emehlweni umntu oza kudlan'indlebe naye ngomsebenzi. Mphulaphulise xa ethetha yaye ungathethi engekagqibi. Myeke athethe agqibe de akubuze ukuba akunambuzo na. Jonga kwincwadi yakho ukuba yiyiphi imibuzo obugqibe ukuba uza kuyibuza.

Xa ukudliwano-ndlebe lomsebenzi ungaze uthethe kakubi ngenkampani obusebenza kuyo. Unokukuba kakubi umntu othetha naye aphinde acinge ukuba ungumntu ongevaniyo nabantu. Ungawucengi ude udomboze umsebenzi nokuba uwufuna kangakanani na. Ukuthi ufuna loo msebenzi kuba ungenamali, okanye ubeke nasiphi na isizathu kubonwa njengokungavuthwa. Ukhumbule ukuba umntu othetha naye unomdla wokuva ukuba ungayenzela ntoni inkampani yakhe, akanamdla wokuva ukuba wena bangakwenzela ntoni. Ukuphendula kakuhle nokubonisa ukuvuthwa kwi-intavyu kukubeka ethubeni elihle kakhulu. Kubalulekile ukuba wenze uphando kuqala ngenkampani okanye nawuphi na umsebenzi oza kubangela ukuba ubizwe kudliwano-ndlebe.

Zinike ixesha uyicinge le mibuzo uza kube uyibuzwa phambi kokuba uvele uphendule, kwaye phendula ngokunyanisekileyo. Kubalulekile ukuba xa ungenayo impendulo yombuzo utsho ngondiliseko lwekati ukuba akuyazi. Ungazivimbi wena umsebenzi. Kaloku akufani ukunyaniseka nokuzivimba wena umsebenzi ngezinto ozitshoyo. Xa ungumntu othetha nezinto ezingabuzwanga, uya kukubona umntu odlan'indlebe ngomsebenzi naye ngoko yiba ngumntu onguye ubonise ubulumko bakho. Kuyanceda ukuzithemba kodwa ungazigwagwisi. Umntu odlan'indlebe naye, uyakuchazela ngomsebenzi owufunayo aze akunike ithuba lokubuz'imibuzo odla ngokuba ubuzilungiselele yona. Ukuba unexhala ungaziqhelisa ngokuthabatha umhlobo okanye isalamane kube ngathi siso esidlan'indlebe ngomsebenzi nawe. Yithi makakubuze imibuzo, uze naye umbuze imibuzo oyilungiselele ukuyibuza ukuba ikhona.

IMIBUZO

- 1.1.1 Ucinga ukuba yintoni eyona nto ibalulekileyo xa usiya kudliwano-ndlebe? (1)
- 1.1.2 Ukunxiba impahla epholileyo okanye eveza umzimba xa usiya kwi-intavyu yinto onokuyenza. Ingaba yinyani okanye asiyonyani le? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.3 Zininzi izinto ezibalulekiyo ekufuneka uzenzile xa ulungiselela ukuya kudliwano-ndlebe. Nika zibe mbini. (2)
- 1.1.4 Ukusetyenziswa kweli binzana: 'ukumilisel'ingqondo', kunafuthe lini kwisivakalisi? (2)
- 1.1.5 Chonga isivakalisi esithetha into enye neli binzana 'ungambeth'emlonyeni'. (1)
- 1.1.6 Wena xa ungafumana ingxaki yokungafiki ngethuba kudliwano-ndlebe ungenza njani? (2)
- 1.1.7 Ingaba yinyaniso okanye asiyonyaniso oku kuqulathwe kwezi zivakalisi zilandelayo:
- (a) Ungawucengi ude udomboze umsebenzi nokuba uwufuna kangakanani na. (1)
- (b) Sukuzinika ixesha uyicinge imibuzo ebuzwa kwi-intavyu, uze ungayiphenduli ngobunyani. (1)
- 1.1.8 Ukungafiki ngexesha kwi-intavyu kungakunika yiphi ingcinga ngalowo uya kudliwano-ndlebe? (2)
- 1.1.9 Uyavumelana nembono ethi xa usiya kudliwanondlebe qiniseka ukuba ululungiselele? Ngoba kutheni? (3)

- 1.1.10 Uyahambelana nembono ethi: Fika kwigumbi lodliwano-ndlebe uxhawule lowo uza kudlana naye indlebe umjonge ntsho. Zixhase kwimpendulo oyinikileyo. (2)
- 1.1.11 Nika isichasi seli gama 'ungazigwagwisi'. (1)
- 1.2 Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi, wandule ke uphendule imibuzo elandelayo.



[Bona: Janyuwari 2007]

IMIBUZO

- 1.2.1 Xa uwujongile lo mfanekiso uyahambelana nemeko yalapha kulo Mzantsi Afrika wethu mtsha? Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.2 Ucinga okokuba aba bantu ubabona kulo mfanekiso baphi? (1)
- 1.2.3 Jongisisa lo mfanekiso kwakhona. Ungatsho ukuthi unxibelelwano phakathi kwaba bantu lukhona? Ewe/hayi. Xhasa impendulo yakho. (3)
- 1.2.4 Ubuntu abusekho kule mihla, loo nto ingqinwa nakulo mfanekiso. Uyavumelana, naloo mbono. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.2.5 Ingaba kuqhubeka ntoni engqondweni yalo mama uzibona sele ephakathi kwabantu abangootata. Beka olwakho uluvo. (2)

AMANQAKU EWONKE ECANDELO A: 30